kungena kuka Mr. J. KNOX BOKWE kwipepa le Mvo, ekukangelwe inqubelo pambili engapezulu yalo. Sibhala nje abadlali be bhola bakupisana ngobugcisa e Qonce befnuzele Indebe yexabiso enikwe igama lokuba yi Tengo-Jabavu.

UKUQOSHELISA.

Okukugqagqanisa sikwenzileyo kukwalata ukuba unyaka opelayo ubungowenzima, koko u JAI akanqatyelwa kupumelela nabantu bake, yaye xa beseko naye bona kuseko itemba Siyawayeka ke amakandilili onyaka odlulayo sitandaza ukuba adlule kunye nawo; kwaye kungomxhelo wonke esiyaleza abaxasi nezihlobo zetu, nelizwe lakowetu sisinga banga

# *Lonyaka Omtsha wetamsanqa!*

Amapepa abamhlope eziveki azele zingxelo zentlanganiso zokupumla kwezikolo; eti intsapo iyalwe, nenqubo yemfundo ekangelwe ngelibukali. Amanene anjengo Mr. Merriman, Mr. Faure, Sir J. Sivewright, Sir H. Juta Judge Buchanan, Mr. Saur namanye ebongamele ezimbuto; ate ke enaainteto ezikutazayo ngemfundo.

Kowakowetu imisebenzi yengqeqesho yosapo ngemfundo ngati isatyeshelwe. Silusizi ke. Kodwa Isikolo se Wesile emini ease Qonce, esipetwe ngu Mr. Mvambo no Miss Ntsiko, asisilelanga kwezaba mhlope. Umzi ubumenyelwe kumgcobo waso obemyoli kunene ngobusuku bolwesi Tatu ; wako kakulu; kunjalonje wonwaba lonke ixesha. Ibingu Mr. J. K. Bokwe (obesahambele e Qonce) esitulweni, wawuzima kunene umsebenzi ngenteto nangengoma. U Mr. Tengo- Jabavu uvakalise ukuquba okuhle kwesikolo, nokuba siyakwandiswa ngale bolide kuba abantwana bagqitile endlwini, pofu ibisentsha. Ukolwa kwakuba nje ke.

Site kanti sibalanje ngo Mr. Hendrick Mazamisa ngeveki egqitileyo lowo mnumzana wase Nqabara selalishiya ilizwe. Izihlobo ziyakuzwa.

Umzi uyakumvela kunene u Rev. W. B. no Mrs. Rubusana base Monti kusizi lwabu ngokushiywa lusana lwabo kusasa izolo, ngetuba lokufa.

Sotuswe xa siyakushicilela zindaba zokuba inzwana ka Msutu, u Nkosi u Tyefu wase Ngqushwa akaseko. Sihambile isiteti esikulu.

Siva ukuba no Mr. Mapasa Ntintili wase Shixini akaseko. Nguye Iowa waye ngoweqela elanduluka e Lovedale ngo 1876 elalino Mr. I. Wauchope ukuya kushumayela pakati e Africa.

## Ibala Labadlali.

ITUMENTE, E QONCE.

Njengokuba abalesi bebe sebevile okokuba nge Holide ze Kresmesi i TENGO-JABAVU CUP iyakudlalelwa apa e Qonce ngeloxesha, sibeka pambi kwabo izikora ezenziwe ngamacala ngamacala. Bekumenywe ezindawo:— Bhai, Kimbili, Komani ne Monti; kwafikelela i Bhai, Komani ne Monti. Kuqalwe ukudlala ngo Mvulo, December 27, zezindawo : King *versus* East London. Kungene i Qonce kuqala laquba gadala aye amadoda kubonakala ukuba axinele ekulwini. Amadoda aqube ngapezu kweshumi kwi 1st innings ngo S Magabela 28, J. Rune 11, F. Bassie 40, E. D. Toise 13, R. Mantsayi 11. Kwicala lase Monti amadoda enze izikora ezingapezu kweshumi ngo S. Baart 12, M. Nobatana 13, W. Qoqo 20, T. Nqini 26. Kumangeno esibini kwabase Qonce amadoda enzi izi kora ngalo E. D. Toise 41, F. Bassie 13, J. Menze 14. Kwicala lase Monti ngu E. Kunene 33 not out. Nanzo izikora zamadoda

KING WILLIAMSTOWN VS. EAST LONDON.

*King William's Town,* 1st Innings.— C. Booi c Nqini, 2, T. Zondani do. do., 6. S. Magabela c Nqini b Nqini 28, N, Zondani c Mbiji b Kunene 2, S. Rune b Kunene 11, J. Menze b do. 5. C. Bopi c Mbiji b Kunene 0, P. Xiniwe b Kunene 7, F. Bassie c Nqini b Kunene 40, E. Toise run out 13, R. Mantsayi not out 11, extras 19, total 144.

*East London,* 1st Innings, J. Mgobolwana, b Magabela 1, T: Mkapa run out 1, S. Baart c N. Zondani b Magabela 12, F. Ntingi c Magabela b Bopi 0, E. Nobatana b Magabela 13, J. Rashe c. N. Zondani b Bopi 7, E. Kunene c. Mantsayi b Bohi 1, N. Qoqo b Magabela, 20, T. Nweba b do 0, N. Hilita b do 2, T. Nqini not out 26, extras 13, total 96.

*King Williams Town,* 2nd Innings,— E Toise b Kunene 41, P Xiniwe b Baart 0, C Booi c Nqina b Qoqo 3, N Zondani b Qoqo, C Bopi b Kunene 2, F Bassie b Kunene 13, J Rune b Qoqo 2, S Magabela lbw 0, J Menze b Kunene 14, R Mantsayi b Nqini 7, ^T Zondani not out 3. Extras 18, Total, 111. 1st Innings 144. Grand Total 255.

*East London,* 2nd Innings, T. Mkapa b S. Magabela 0, N. Hilita b Bopi 0, T. Nweba b Magabela 4, F. Mbiji c T. Zondani b Bopi 0, E. Kunene not out 33, J. Mgobolwana b Bopi 2, J. Rashe b Magabela 4, E. Nobatana c Toise b Magabela 3, S. Baart b Bopi 9, T. Nqini c Bopi b Magabela 0, declared closed batsmen incapable to play, extras 5, totals, first innings, 60, second innings 96, grand total 156.

Yaba ke iyadliwa i Monti nge 99 runs.

PORT ELIZABETH VS. QUEENSTOWN.

Ngolwesi Bini kuqubisene i Bhai vs. Queens Town. Kwicala lase Bhai amadoda enze izikora ezingapezu kweshumi i igala M. Mabelana 29, W. Mtshutshisa 15, D. Rune 41, no S. Busakwe 26.

*Port Elizabeth,* 1st Innings.—W Mtshotsha - [missing text] c Nkole b Msengana 15, M Mabelana b Mpahlele 29, R Haya run out, D Rune c Bacu b Mpahlele 41, I Nogwina c Mpahlele b Fobe 5, S Bu sakwe run out 26, P Dalaza c Nkole I Mpahlele 8, T Rune c B Msengane 1 E Ngcoza Nkole b Ndayi 3, A Ross not out 3, extras 8; total 146.

*Queenstown,* 1st Innings. — Mtuyedwi lbw 1, Magoda b Maloni 0, Mboro b Haya 5, Bacu b Maloni 2, Fobe b Haya 1 Mlungwana b Maloni 12, Abrahams b do. 2, Nkole b do. 0, Mpahlele b Haya 3, J. Ndayi not out 0, Msengana b Haya 4 extras 3, total 33.

2nd Innings.—J. Ndayi b Maloni 0 J. Mpahlele stp. Ngcoza b Haya 0, N Fobe c Maloni b Haya 10, J. Mtuyedwa b Haya 0, H Nkole b Haya 3, W Bacu c Dalaza b Maloni 6, G. Magoda run out 9, A. Mlungwana c Mtshotshisa D Rune 10, P. Mboro stp. Mtshotshisa b Rune 2, Abrahams not out 2, Msengana I D. Rune 0, extras 3, grand total 78.

Yaba ke iyadliwa i Komani li Bha Ndlovu nge innings ne 68 runs. Kwasi kuqaleni i Komani ibonakalise inqub eslere ngakumbi ekudlaleni. Emva kwale Match kuqale i Komani ne Monti Kungene i Komani kuqala.

Ikomani lenze 72 kwi 1st inninge siye kushicilela lingenayo Imonti.

Impi yase Magqunukwebeni Idlule apa ivela e Ncemera kutiwa ityiwe yimpi yase Ncemera kwelika Balite.

## INCOKO.

Kuko abantu abangakwaziyo ukubika izinto. Sitsho kuba yaka enye indoda kula sei n, [MISSING TEXT] yapantse ukuhlelwa sesika [MISSING TEXT] wakudala ngenxa yendlela ebikelwa ngayo ngokumka komfundisi wakona esisiwa kwenye isekete. Ifike lendoda iza nombiko enye le ilesesha incwadi. Yafika yati "Bawo, uke wevana?" Omnye: "Yintoni ? " " Kutiwa umfundisi akaseko." Omnye: "Utinina Dyan!" U Dyan: " Ndivela emtandazweni wabafazi, zizililo zodwa." "Kutiwa bekutenina?" " Hai, bawo. bamkupela e S ------kuza unantsi apa." Laqala ukuqonda ixego ukuba akateti ngokufa komfundisi, uteta ngokufuduswa kwake. Ebeseleke wapantse ukupola kukotuka ngulombiko unje.

" Hamba siye e Cawem mfondini Sem," watsho omnye umfana komnye obengazanga ayibone indlu ye Cawa. " Hai mfondini, andingeyi mna, andizange ndiye ebomini bam." Ute omnye: "Yiya kaloku namhlanje." Ute ukupendula: " Mfondini ndiyayoyika intonga, asinto ndidlala ngayo." Omnye ute : " Mfondini nditeta ngokuya e Caweni, sipulapule into eyakutetwa ngumshumayeli. Uteta ntoni ngentonga ? " " Nditsho kuba ababeye e Caweni kule ipelileyo babuya benenduma. Mfondini ndiyeke ndiyaloyika uduma."

"Isala 'kutyelwa sibona ngomopu." Esi siteto sidala eizaliseke kwakule ncoko yababafana babini sincokola ngabo.

Omnye wabafundisi abaziwa ngokucikoza ezintshumayelweni zabo, waka wacaza ukufaneleka kwenduku emdudweni, wahambisa esiti: " Akungebi kuhle uye negqudu, ungasuke uyone yonke imbonakalo yalo ntlangano. Zonke ke izinto ukuze zifaneleke mazihonjelwe ngendlela yazo. Ene, ke ne Cawa le ifuna ukuhonjelwa ngezinto eziyifaneleyo. Kuti ukuba kuhle umntu akuza epete incwadi Baibile ne culo lake, angezi epete mtonga. Iminqayi ingayifanela imidudo, kodwa ke e Caweni bafana yizani nipete Amaculo ne Baibile zenu."

Bange bayeva abafana oko, suka beza kwane ntongazabo kwelandelayo. Kuviwe ngani ukupuma kwayo, sekulila umntu nentonga, babetwa abanye. Ubone lonto lamfana engavumi nje ukuya ecaweni.

Izinto ezilungileyo zidla ngokonelwa kukuzipata ngendlela embi kwabaulu abanani lingepi, usuke umzi udyojwe ngelo bala. Ababafana benjenje ukuzipata, abanele kubanjalo ukuba ilizwi lo Dali ligxekwe ngaba hedeni kupela. Kuko intsimbi ezibetelwa abantsundu ngokuhlwa ukuba bangahambi ngamaxesha atile nje zezizinto. Usuke umzi upela ungabi satenjwa. Wonke ngelezitetisa azizimilo.

Akuko nto imnandi njengokuba li Sinala, yatsho enye inkwenkwana esand' ukupuma e Sinaleni kwenye. Mfondini asiyibotoloshi ngako letitshala yomlungu isand' ukufika, kuba kaloku isaboyika abantu abamnyama. Yitsho mfondini.

Yake enye inkwenkwana ebotolosha kunene yeza esikolweni itsho ngento ende yomtika, neqokobe elikulu lomnqwazi. Yotukile ititshala ukubona lento seyitsho ngomanzi umtika pakati eklasini yayo, yeva kwangentsini ukuba kuko into eyonakeleyo namhla. Ite yakuyibona inkwenkwe le : " Puma nantsi uye ukululeǀezo mpahla." Ite inkwenkwana " Mfundisi zimpahla zam endinxiba zona kweli xesha lomnyaka."

Ite ititshala, " Hamba upume, ungabuye upinde uze nazo apa esikolweni." Ipumile inkwenkwe sekuhlekwa kude kuti peza ngabanye.

Kute ngolulandelayo usuku yapinda yatsho kwakuzo ezingubo inkwenkwe, yaziqaba ubuso obu bamnyama, yaya kuhlala eklasini. Ite yakuyibona ititshala yesuka igqabi ukuba iyikupe ngamandla. Ite xa izayo ititshala yerutu inkwenkwe ibbtile yamanzi ane blowu emtikeni apa, suka yazifefa ngawo isiti, " Uzubone, ukuba uke wandipata apa uyakufa." Yenqumama ititshala, isoyika. Kubonakele ukuba ixakiwe yilento, yemka yaya kufuna enye kwezintsundu ititshala, yabuza kuyo ukuba u Nantsi angaba ungenwe yinina, undixakile apa. Ete ke yona akuko nto anayo, uyabotoloshanje. Kunjalo ukubotolosha kwekaba langoku.

Yati enye ititshala yesikolo se Cawa emveni kokuba kugqityiwe ukufundwa ngesiwo somntu ngokudla isiqamo emyezweni abeyalelwe ukuba angasidli, yafaka lombuzo eklasini, "Yintonina esiyifundiswa lelibali." Yesuka erfye intwana yati, "Kukuba ungaboze uyitabate into etetwa ngumfazi." Suka yaciciteka yonke indlu ipela yintsini. Azi waye sitinina unina walentwana ngayo ukuba wayeko.

"Ndaka ndanqanda enye idyongo" utsho omnye, eyayibalela EMVENI i address iyile ngapandle kwemvilopu, " The IMVO and Eye of the People " (IMVO NELISO LOMZI) !

## Ukubetwa Kwabantsundu.

[ILETA KU MHLELI]

Mhlobo warn we Mvo, — Kauncede ubhale e MVENI apo: Uti u Landipasi ubhubhisile. Zintsizi ke kuti bantsundu. Akuvakali nokutaruzisa kwi Nkosi yapezulu. Sitike imbila ayina tyalana nxa ingahlabi nomkosi nje kuba fundisi, iti siyabhubha? Kanene inkwenkwe nxa ibona inkomo zimka nempi ayahlaba mkosi, ayingebi natyalana emadodeni? Nango umbuzo, imbila esetyeni siyabuza ukuba ike yawuhlabana umkosi nakuba fundisi abamhlope, ukuba siya bhubha tina bantu bantsundu. Sitaruziseleni kwi Nkosi yapezulu. Abafundisi abamhlope baya sitanda, napesheya siyatandwa bangasitandazela kula mashwa sikuwo tina bantsundu, inkumbi zimke, u landipasi emke, idolosi imke, umbendeni emke, nalomoya uhlala uvutuza umke, nalama langa emke; izibeto zibeta tina bantsundu qa. Mlesindini kaufunde intshumayelo ka Rev. James Pritchard, awayishumayela e Bha; ngomhla we 4 July, 1894. Uze uqondt apo ke ubone into eza pezu kwetu bantsundu, sinetyala, siti sibetwa sibe singalili, singataruzisi, Madyakana ndini ninetyala, bakokeli ndini nani madikoni ase Afrika; guqukani nibuyele ku Yehova. Abafundisi ne Bishop zenv kenaba xelelana ngezizibeto? Yiboneni into le bazalwana nodade. Akakom umntu eniti yinqaba yenyaniso, likaks lenyaniso sibhubha nje? Andicikoz ukuba ndiviwe nini ubuciko bam. Api kufa nenkomo zamagqoboka nilibele zibhola nayimidlalo nje zityudini; baya bhubha oyihlo nonyoko. Kaundixelel nonwabele ntonina ibhubha nje i Afuka anibonina, nilinde ilizwi likabanina U Rev. J. Pritchard unixelele e MVENI uzuyifunde ke.

U Rev. E. J. Warner wanixelela wati Buyelani ku Yehova wobuyela kun anapendula anakatala; siyabhubha k namhla. Uxolo Mhleli.

THOMAS NGXWASHULA.

Pakati kwe Bhai ne Tinara, November 29, 1897.

KUNGANINA ukuba unyamezele intli ngu xa i Pain Paint ka MOULTON inoku inyanga, kwisituba seminiti ezing; kupilisa? Akuko ntlungu ingena ku; mashumi amabini. Ipilisa ingqangq mbo yamatambo, intlungu enkulu; intloko ebuhlungu, izinyo elibuhlungu ukuruneke, ukwenzakala, ukutsh ukukohlela kwane ngqele. Eliyeza likul lisetyenziswa ngapandle nange paka liya kudambisa ukudumba, lipilisa ezintlungwini. Litengiswa nge 1s 6d., nge

Bhotile kuzo zonke inveukie.—AD.

## *EZENDAWO NGENDAWO*

### *E BHOFOLO.*

IMVULA.—Ide yana imvula sekukubi kanye. Izitvdn bezike zabambelela, kodwa ine sekukubi. Kunjalonje amasimi akolise ngokungapumi. Aqutyulwa amagaba ngabangena nkabi. Abanye babopa amatokazana ngamane, ufike kwesinye isipani ipoma lenkabi libotshwe ne tole—umntu ufuna indima.

ABADLALI BEBHOLA BALAPA.—Into zo Zokobe, nezo Velebayi, nezo Dube, nezo Wauchope (enci), nezo Tshete, nezo Gcweni —sibala ntonina singayi kubagqiba nje abadlali bebbla balomzi. He, elikaba lizimisele ukulivusa lime ngenyawo i Bbfolo. Ngolwesi-Hlanu, 31 December, kuya kubako intlanganiso etyalikeni e Sigingqini yokuyila amacebo okuhambisa umdlalo webola ngokuvana.

UMXHOLO WENTO NGULO :—Kuko i club ezimbini, eyakwa Gontsi neyase Cibini, (andazi ukuba ingaba ikona e Drayini nase Magaleni). Ke kuyabonakala ukuba kwezi club zikoyo kungavela I *eleven* eyomeleleyo, ukuba zidibene zayinyula pakati kwazo zonke. Ingati inyulwe yafunelwa impahla yayo yokudlala, ize imane ukuhlanganyelwa zezinye ezi zininzi—ingade ilunge into, kubeko ukemelela kwa nokuvana. Banga abadlali bangako bonke lomini, zilungiswe ezindawo.

U Miss RADASI WASISHIYA. — Unyanisile u "G. K." akuti uyalila lomzi wase Bofolo ngokulahlekelwa kwawo ngu Miss Radasi. Isikolo sakwa Gontsi besimi kakuhle kuba yena ebenga jonge bu Wesile, ebejonge umsebenzi wake wokufundisa. Wati akubona ukuna olona sapo luninzi loluka Mr. Wauchope wayama ngelo cala, wababeka wabahambela abazali. Basuka abakowabo begudu bamcasa. Ubube kusenjalo. Ite impi yase Rabe epetwe ngala manene Mr. T. Kanyiwe Zokobe, Mr. John M. Zokobe, Mr. John Qoto, Mr. Wm. Roji, Mr. Saul Koom, Mr. Thomson, Mr. Vini Dlinca, Mr. Didi Gabashe namanye amanene emveni kokububa kwake, yahlanganisa imali etile yayisa ku Mr. August Radasi nezwi eliti —"Nalo ilitye esibeka Iona pezu kwengewaba lomntwana wetu obekade esikonza."

UPEHLELELO. — Nge Cawa ibiyimini enkulu esigingqini kupehlelelwa ngu Mr. I. Wauchope iqela elikulu labantu, inkoliso ingabantu abaguquke ebuqabeni. Amazwi entshumayelo ngala :— " Ngumnwe ka Tixo lo." Inani eliya kungeniswa e Bandleni ngale nyanga ngamashumi amane anesitatu (43). Abasebengenisiwe kulonyaka lishumi elinesibozo (18). Baya kuba ngamashumi amatandatu anamye (61) abangene nonyaka. Abasahamba i Vunsdara likulu. Abebeqaba imbola nge 1896 kweliqela ngamashumi amane. *" Ngumnwe ka Tixo lo."*

### *E QONCE.*

Indaba yintonina ?

KUYAFAHLWA.—Kubi, kuse zintsizini, kuyalilwa, kucotwa kucotiwe; ekute kona kwiveki ezipelileyo baroza abantu abaya kwi Dyalusalem entsha. Kute kusakuzwa lombiko kwafika omnye, kusapetwe leyo kugaleleke omnye qo— yinile! Kwati kuba kugeqeka abantu abaziwayo, bati abantu ukuba oku bangati bebengaqondi ukuba ukuba ngu "mfi" oku yinto ehleli ikwakwalapa sipitizela nje kweligada lika Adam. Kuvelwana kakulu nabahlobo abakwezo ntsizi.

PANTSI KWELANGA.—Kusahleliwe pakati kwama kandandilile okusa kusihlwa; likelabalela nqi, kwashushua kanye, belimbatshe mu neli ngoku, sebunjengembali obuya buhle balo sasivutela amaxilongo ngabo. Amafu amana ukwenza " ingqungqutela " esibakabakeni abuye acitakale kungabangako nto iginyisa amate. Ike yati fatsha kamnandi yahlwisa, kuloko itule sisarana. Kubi kakulu kuba umzi awulimanga nje, obenako, ukupe amarixi ngenxa yoburovu buka Landipasi.

AMA SIMNARA.—Zivaliwe izikolo, umlisela nomtinjana ubuyawa wayaza kamnandi apa ukudlula kwawo, use mimoyeni epongomileyo yokukumbula emakaya. Into engabukekanga kukuti inxenye yomtinjana ivatile ingatwali nto entloko, ingazikuseli ngabatyi natyali nto kukiimezela kakulu; abanokuti abanye endaweni yokubukwa bafike ngokongiwa emakaya ngenxa ye "fulkawana" nengqele ezifunyanwa ngalendlela. Ama Simnara anqwenelelwa iholide emnandi e " Home, sweet home ; There is no place like home."

IZIKOLO ZEMINI. — Kwesase Wesile isafunqula into ka Mvambo nentokazi ka Ntsiko; abantwana bande ngohlobo lokuba isuke indlu yesikolo yasisiningwa esi, bade opikinini bapungulelwa etyalikeni. U Mr. Siqingata selebckabeka ngamatuba okusandisa. Nesase St. Chads sisaquba kakuhle, sesifumana ne Grant ka Rulumeni. Isaquba nento ka Kota kwesakwa Buluneli. Into ka Matyolo yati, "Kwaba bantwana kuya kupuma i ' Pro.' zezinto ngezinto, i mayors namagqweta, nento *ezingcangcazela intloko yimfundo,"—ngoko* ke bavumeleni abantwana baye ezikolweni.

EZANGOKUHLWA.—Ibuye yenziwa imigudu yokusivusa isikolo sangokuhlwa sentombi e St. Chads, ngoku siyaquba; kufundiswa ngu Miss Cecilia Gudula. Nesabafana sisamana siko ngomxolo omde. Ngenxenye oku kungaqubi kakuhle kwezi zikolo kubangwa "bubuhashe " obu bomntu ontsundu—ukuswela ngokwehashe. Ngabantu abati nasekusebenzini umntu abambe apa namhla, ngomso paya, ati kuba namakaya akufupi batsibe futi kona; bambi ke bati ngokokuya kugiqika emakaya babuye selipelile kubo lontlantsana yokutanda isikolo, ibe licimike kwezo typu.

UKUDANGALA. — Bangacapuka kubafanele o " nomgcana " (amadoda atshatileyo) ngokunqena kwabafana, ngakumbi amasoka, ekubonakala ukuba makuhlale kuzamiseka o "Sonantsi" kuyo yonke into eyenziwayo neyemidlalo, babe onkomo bebete imingcebele bete tywere bedwekesha ngokudlala nangezikora zabo ezimatshini, njalo njalo. Umfana makapatiswe into kuba imalunga nale midJalo bayitandakakulu (lenye), asuke aqube ubutshisetshini obugqite nobe tshivela lokugqibela lika " bek' ang' uyalila." Ndingamvisisa mna ongati onomgeana mabezenzele into zabo bodwa, baefaukane nalamabbtyebctye abafana xa benjenjenje.

INGUQULO KWA BHULUNE . — Lomzi wotuswe kukufikelwa yi 5' Bill " ende kunene ilayishe unqunqelo lwemiteto evela kwi Kantsele yedolopu, ekutiwa uza kulaulwa ngayo. Bati ikwayileya babubuluza pantsi kway o abeziya lokeshini zase Monti. Ivakaliswe ngu Somgxada (Rev. J. Harper) umzi udibene etyalikeni, kwabehle kwako amangqandede ayinambitayo, amanye amadoda atimla efuna ukuyibinza kwa oko, kuloko kutiwe mawuke uyokuyibona indawandawana emakaya, uze ke upendule.

IKOMITI YAKWA BHULUNELI.—Ulaulwa yiyo lomzi ixesha eli lonke ngemiteto eyayiyenzile yavunyelwa yi Kantsele ukuba iqube ngayo, yabe itshalmani ingu Somgxada. Nakuba umzi uyifuna i " Home Rule " usaqutywa yiyo; lite liko langati eliqumru layiyekelela nemiteto engeyabubotozayo ubumpongonya babantu abapikele izinto zokuba lomzi unganyamezeleki. Mhla kwava kaliswa lemiteto mitshgi u Somgxada uyitete ngobuso obungena ntloni into yokuba *yena ne Komiti boyisiue kuku laula umzi.* Sebefanisa ke besiti yilonto na kungeniswa ezinguqulo nje.

INTLANGANISO.—Adibene ngolwesi-Ne lwepelileyo amadoda ukusingata lemiteto ukuze " apendule." Ngokungabiko kwayo akubangako nto yenziwayo kwagqitywa ekubeni kucelwe i " kopi " yayo ibe pambi kwamadoda. Kwingxoxwana ebeko abonakele " amarawu " angaqele zintlanganiso, ekube nzima ukuba indoda igqibe i sentence enye ingagqolodanga ngapandle kwento ekungayo. Akutandabuzeki ukuba lemiteto ingaqutywa ko Tsolo no Bidli. Abantu bezondawo ngebebako kwintlangamniso ezmgayo.

Izwi LOMZI.—-Amadoda ase Gqubeni abuye ahlangana ngo Mvulo ngalemi-teto, isihlalo sipetwe ngu Mr. Arends— yehl' into! Ibekiwe pezu kwetafile imiteto amadoda eyingene ingudu ' ukuyibinza oku, wambi engavumi ' ngoku ukuba kuxoxwe ngayo; axovula ngobushushu kwehla i " Babeli " yakwa ' Kush! Kude kwangeniswa indawo ezimbini: (1) Ukuba make iyekwe le miteto, kubuzwe ukuba lomzi na-mhla uyahlutwana kwi Ronoskapu wenziwa i Lokeshini; (2) make kuketwe amadlala emitetweni kwandule ukubuzwa ngobukolo bomzi. Kuvo-tiwe, kwapumelela lendawo yesibini, aye amadoda selekolisile ukutabata ' iminqwazi yawo ecita izandla. Kobuye kudityanwe ngolwesi-Ne ukuyipendla imiteto.

ISIGITSHIMI SOXOLO.—Licopele ukusitela ixego u 1897, abasapilileyo sebelindele ukuti: —

Omny' umnyaka utwasile
Nang' ufika sipilile,
Tixo wetu sibulela
Ngaye lowo wasifela.

Namhla ke njengomkonzi womzi ngalamanqaku manditabate ituba lokukunqwenelela, Mhleli nabalesi be Mvo, abahlobo nentshaba,—Unyaka Omtsha Wamatamsanqa *Nenqubela.* Botani!—

MAKWEKWETE.

### *I RODE LASEMAMPONDWENI*

Ilapa into ka Makhobotloane umfundisi, ilapa kwanento ka Mzozoyiyana ititshala, bano Mongameli wabo igora u Rev. P. Hargreaves.

ISIKOLO.—Ngomhla wa 22 November isikolo besivelelwe ngumlloli u Mr. G. Underwood. Esi sikolo sikulu, sine titshala ezine : Headmaster, T. Mzozoyiyana; abancedise, Miss M. Dladla, Mr. M. Gono, Miss E. Mzozoyiyana. Abantwana ezinewadini, 180; ababeko ngoviwo, 128; Sub-Standard, ababeko 17, kwapumelela 16; Standard I, ababeko 16, kwapumelela 14; Standard II, ababeko 24, kwapumelela 24; Standard III, ababeko 33, kwapumelela 33 ; Standard IV, ababeko 19, kwapumelela 15; Alpha bet 19.

UMVULO-TYALIKE. — Ngomhla wa 24 November yaba ngumhla wokuvulwa kwendlu yetyalike yalapa yamatye, laye ityala lalilikulu kanye kulamaxesha anzima anentswelo. Abantu baye beko kanobom abamenyiweyo. Abafundisi ababeko ngaba: Revs. P. Hargreaves (Umongameli), S. Clark, R. P. Underwood, C. J. Hepburn, C. Pamla, J. Mjila, W. Sigenu, P. Sepamla, S. Manciya. Kwaqala u Mr. Manciya owaye ngumvangeli apa mzuzu, waposa amazwi pambi kwendala ityalike. Kwaza kwayiwa kwentsha bekokelwe ngabafundisi belandelwa yi choir eqeqeshiweyo. Kwasweleka ixaka lika Mama, kwalusizi kumzi. Yavulwa ngu Rev. J. Mjila inkonzo, Iwavulwa ucango yinkosi u Nota. Kwashumayela u Rev. C. Clark ngashushu. Yashushu nentlanganiso. Kwaqalwa umnikelo kwasemva kwentshumayelo, nentliziyo zabantu zishushu. Kwabonakala abantu beyigqitile indlu entsha ngobuninzi. Kwabonakala yahlulwe pakati intlanganiso, enye yasendlwini enye pandle. Kwupunywa selimkile ilanga, imali yodwa seyiwelile e £100.

Kwapindwa ngokuhlwa kwasetyalikeni, apo kaloku kwanga kuqulwa umtakati, kwanyatelwana ukuya etafileni, kusukelwa elinye ikulu elinamanci. Yaye i choir imana ibavuselela ngengoma ezimnandi. Amanene into zo Majambe, Mpambane, Mabija,Malimba, Nkosi Nota no Mfundisi walapa u Rev. S. Makobotloane, barola inkomo ezapila ku Landipasi, ngantatu, ngambini njalonjalo ; nemali kakulu. U Rev. P. Hargreaves warola £7. Ingwevu ka Mjila yarola ngapezu kwe £5.

Lapela ityala elalilikulu liyi £320.

Kubulelwa u Mr. W. E. Stanford owenze ububele obungumangaliso, ngokufike anike igunya kwi mantyi yase Mt. Ayliff, okokuba incedise ngokukupa i £2. Kumnandi kubantwana ukuba noyise.

U Mr. Clifford, omnye wabapati benqanawa eyi Scot, owatsiba apo enqanaweni ezama ukusindisa u Mr. Barnato, kungatiwa wati kanti utsibela enywebeni. Ufumene umfazi nemali ngeso senzo. Ikaya lake lise Monti. Uyindadi, noko engazange apumelele ekumsindiseni u Mr. Barnato ngenxa yokulwa kolwandle. Abantu ababekwele kulo nqanawa bamnika i £103 isikumbuzo ; u Mr, Woolf Joel, unyana wodade bo Mr. Barnato umnike i £1000, ngoku usapo luka Mr. Barnato lumnika i £5 ngeveki yonke imihla yobomi bake. Uzakutshata nentombi awayeyifuna, uyise engavumi ngenxa yokuba engena malungelo. Intombi leyo noyise babeko ukuyenza kwake lonto, wati uyise ukubonisa ukukolwa kwake seso senzo waselevuma ukuba batshate.

INTLOKO ebuhlungu sisifo esiqelekileyo, esingabako ngapambili okanye sihambe nento eninzi yezifo, nakuba ikakulu ingena ngozi. Oka STEAKN Umpilisi Wentloko (ongena ngozi) ngumciza okaulezayo, ongabulaliyo noqinisekileyo kwintlobo zonke, *Umpilisi we Ntlungu Entloko.* Nipaule umbhalo nge *inki ebomvu* kuzo zonke ibokisi, *ezingenjalo* asizizo, zifunyanwa kuzo zonke i Chemist 1s. 6d. ngo bokisi.—ADVT.

IMVULA E JOHANNESBURG. — Umbhaleli olapa uti imvula iqale kwelo ngo 19 December, xa ifuneka nzima, seleke avalwa amanzi intsuku ezimbini, kwanzima kanye, abanye bancedwa kukaba bekuko umkence ezindlwini, kwamana kuqekezwa kuposwa ezimbizeni, *lanti kwako* kusinda usapo lomini. Inile ke ngoku.

ELONA YEZA LENGQANGQAMBO YAMATAMBO. —Ivela kwi *Fairhaven (N. Y.) Register.*—U Mr. James Rowland wale dolopu uti umfazi wake wange ngumlwelwe we Ngqangqambo yamatambo iminyaka enga 25. Kwezintsuku zisandukudlula ubesezintlungwini ezinkulu ate wapantsukuqoboka. Wati indoda mayiputume igqira, koko yona yati kuba ike yafunda ngelika Chamberlain Lokuhlikihla yasuka yaya esitoreni yatenga lona. Umfazi wayengalifuni eliyeza litengwe ngu Mr. Rowland. Kodwa ke noko walisebenzisa ngokwemigqaliselo, kwati kwisituba seyure wazuza ubutonga. Ke ngoku uti kwaoko akuva intlungu ahlikihle ngalo ibehle ipele. Uti akuko yeza kwake wawasebenzisa elimncede njengeli. Litengiswa ngu R. Lumsden & Co., Umtengisi Mayeza e Qonce.

Mr. Isaac Horner, umnini we Burton House, Burton, N.V., nomnye wama doda awaziwa kakulu kwelo upiliswe kwingqangqambo emva kokugula iminyaka emitatu, uti; Andinamazwi aneleyo endingafika ndiyibcke ngawo intlungu endayivayo, amagqira am andityela ukuba akukonto ndinokwenzelwa yona, zaye nezihlobo zam zancama zisezilindele ukuti kukufa kodwa into eyondikulula kwezi ntlungu. Ngo June, 1894, u Mr. Evans, owaye ngumtengisi ngeloxesha we Wheeling Drug Co., wandicebisa ukuba ndilinge elika Chamberlain Lokuhlikihla. Ngeloxesha unyawo lwam nomlenze wadumba kakulu wangati umlenze uzakugqabuka, kute kamsinyane ndiqale ukusebenzisa elika Chamberlain Lokuhlikihla kwadamba ukudumba, nentlungu zemka, ngoku ndiziva ndipilile. Litengiswa ngu R. LUMSDEN & Co., wase Qonce,

## Ezombuso Ecala.

O Messrs. Peacock, Bradfield, no Col. Bayly babe nentlanganiso e Gala nge 17 December, 1897, kwi Hall yabantsundu, ingu Mr. S. Kalipa esiblalweni, u Nobala ingu Mr. Figlan, neqela lezibonda kwanomzi, neqelana lamagwangqa. Ke umbali lo utabata intloko zodwa zalomini njengomhambi.

Ke Mr. u Tshalmani ucele imvelapi yalamatshawe, ate ke ngokufupi ayicaza njengoko wonke umlesi ebona emapepeni, ke nawo akemkanga kumpunga wawo obonakala emapepeni, atete kwalonto isemapepeni; izimvo zawo ke ekubeni ete ngokulandelelana kwawo esuka ecaza izimvo nenkolo zawo, aza ati aya kukunyamekela ukupendula nawupina umbuzo ongati usingiswe kubo.

Kusuke u Mr. M. Renqe wafuna ukwazi ngomahlulo we Bondi ne Ligi ukuba kuyintonina, ikukutinina kanjalo.

U Hon. J. M. Peacock usuke wayicaza ngokucacileyo.

U Mr. M. Renqe, ke akuba eqondile nge Bondi ne Ligi, ubuze ukuba amalungu la mabini madala avota ngalipina icala kulomteto wokuranelwa, okanye bacinga ntonina ngawo.

Kusuke kwa u Mr. Peacock wati ke bavota ekuwucaseni, kodwa boyiswa ngobuninzi belinye icala lika Rulumente, ke kodwa umteto lo wona ngowokutintela imvukelo mbuso nakomhlope nontsundu ngokuba kukwako abelungwana abasileyo abahamba bevusa bepemba imfazwe pakati kokuzola kwabantsundu.

Kusuke u Mr. S. Makiwane, wabuza ukuba batinina ngomteto wase Glen Grey.

U Hon. Mr. Bradfield ute umteto wase Glen Grey ulungile, nangani unendawo ezimbi ezifuna ukulungiswa, kwaye bekuya kuti ukuze bapumelele nokupendula kube bekuko abantu base Glen Grey osetyenziswa kubo lornteto bona bazaziyo inzima zawo ngendawo ezitile. Ke yena angakankanya kulo mteto ezindawo ezifuna ukulungiswa: umteto wamafama, nendawo engabasebenzi, nezinye, njalo-njalo. Ke kodwa yona inqu mteto ilungile.

U Mr. T. Makiwane, wabekisa ku Colonel Bayly, ukuba utinina yena ngomteto ka Innes wotywala.

U Colonel Bayly ute uwuxasa ngomqolo wake wonke, kanjalo ukuba ute wanyulwa uya kuwuvotela.

U Mr. T. Makiwane, kwakona, ubuze icebo ngomkuhlane ohlele abemi base Cala, ngalemali yamagqweta ukuba imihlaba iyemka nabelungu, akuko nto bangabacebisa yona na, okanye akunakwenziwa mteto na woboleko mali ngu Rulumente.

U Hpn. Mr. Peacock ute lomkuhlane ugqibe ilizwe lonke ngamayeyeye, na Pesheya kunje; ke yena angati iyeza kukungayiboleki.

Kusuke u Rev. Mr. Manelli wati batinina ngolumanyano Iwamafama ati avalela umntu omnyama ukuba angaze atenge mhlaba, afumane mhlaba.

U Hon. Mr. Bradfield ute, ewe, into leyo sebeke bayiva, kodwa anenkolo yokuba yopumelela lonto pantsi kombuso ongenakete wama Ngesi.

Kusuke u Mr. W. J. Vanqa wafuna ukwazi ukuba lamalungu atinina ngalento imbi kangaka yenziwe ngu Rulumente ongenakete ngaba bantu benziwe amakoboka, batengiswa paya koma Kapa kuma fama, kanti ubukoboka u Rulumente uti nje wabukulula kudala; lamalungu atinina ngalento yenziwe ngu Rulumente wama Ngesi.

Kusuke u Hon. Mr. Peacock wati base meveni entloni kuba lendawo bebenga zilungisele, kuba nakweyama Ngesi pezolo ayikange ikankanywe bani; ute ewe lendawo imbi kakulu yenziwe ngu Rulumente, wenze isenzo esibi; ke noko sisohlwayo kuba ababantu bavukele umbuso, ke noko asibubo ubukoboka kanye kuba abantu abo baya batalwa, abangati ke ukuba bapetwe kakubi ngabelungu babo babashiye bafune balungu bambi.

Kusuke u Mr. Vanqa wati makabe u Hon. Mr. Peacock akazimisele kuyipendula lendawo, kuba xa bebesifa yindlala ngekwenziwe tuba limbi lokubafunela umsebenzi, kwaye kanjalo lento imnyama ezingqondweni zetu; siteta nje lomhlaba wabo seluzifama ngoku. Alikumbuli ilungu elibekekileyo ukuba amapepa ama Ngesi ayixokozelela into eyayisenziwa ngama Bulu ku Malbock ati bubukoboka, kanjalo kwapulwa i Konivenishini ngama Bulu, na-mhla ama Ngesi enza lonto kanye — yaqin' inqawa, yabudodo apa ngoku- nyakatisa ukuti hai noko asibubo ubukoboka noko. Yapela imibuzo, yaza itshalmani yandulnla ukuba lamanene matatu ukuba ayatenjwa makubonakaliswe ngezandla, yapakamisa yonke indlu ukuba ayakuzifumana ivoti e Cala.

Asuke lomanene omatatu avakalisa umbulelo ku Mr. Solomon Kalipa ngokusipata ngesiko laso isitulo sentlanganiso ngokuncomekayo, yaduma intlanganiso yapuma.

Eyasi Lady Frere ingxelo yoba kwe lilandelayo.—ED.

## Native Opinion & Guardian

THURSDAY, DECEMBER 30, 1897.

### THE OLD AND THE NEW YEAR.

THERE can be but one verdict on the closing year; and that is it has been one of care and anxiety.

THE RINDERPEST

was being guarded on the Orange River when the year was ushered in, but in April it made its appearance in Herschel, and was reported in Ngqamakawe, Transkei in no time- Then it swept like wild fire through the N ative territories, afterwards through the Colony ; and now it has reached Cape Town, the fag end old of South Africa. Thanks to Professon KOCH, although the mortality among cattle has been great, the destruc tion has not been what people were at first led to expect; and there an still a large number of animals to be seen. To be sure the disease is no quite stamped out, but its ravage; have considerably abated. As is well known the Natives were for the most part strongly averse to inoculation, but this journal, as usual, tool up the unpopular, so long as it was right and safe course, and earnest! urged inoculating. The result has fully justified the attitude then take up, and now IMVO is the recipient thanks from all quarters.

WARS AND RUMOURS.

The Bechuanaland campaign was in full swing when the year 1897 began. Not satisfied with this the leather-lunged agitators were shout - ing themselves hoarse, calling upon Government to send forces to a simple ' Police case, in which the now notorious Griqua LE FLEUR was involved The disturbance ended in dust and smoke. LE FLEUR was arrested on a charge of rebellion, but was set free by the Circuit Court last month on a legal technicality. But no sooner has he been released than he is at the old game, and is a hunted fugitive in Umzimkulu. The fire-eating newspaper correspondent was also in Basutoland, manipulating with all the vigour of which he was capable, the bellows, and stirring up the cinders with a view to have a good flare up. But Lord ROSMEAD would not be rushed, and what disturbances were feared seemed to have come to an end with the exit of the *Cape Times* correspondent from Basutoland. This policy of the late Governor's was highly commended at the time. But the scaremongering did not stop there. Rumours of trouble came from Pondoland East, and Major ELLOT, who is in charge, had to repair to SIGCAU'S in great haste. The interview between the Major and the Chief convinced the former that the talk then indulged in was a base and baseless fabrication, and he commended SIGCAU for living and desiring to live in peace; and nothing has been heard of trouble from Pondoland since. The Langeberg campaign came to a close later on in the year with the assistance of Natives from the Trankei. LUKA YANKI was shot dead and RALISHIWE is still incarcerated in the Kimberley gaol, waiting trial for his share in that lamentable affair. His land was confiscated by Act of Parliament in spite of the earnest pleadings of Mr, RICHARD SOLOMON, whose voice was as of one crying in the wilderness on behalf of ignored non-combatants, like men away at work, women and children. Mr. INNES alone partnered Mr. SOLOMON, but a rapacious Parliament made short work of them by mere brute force. The upshot has been that there has been no other course open to the Government but to make slaves of the Batlapin tribe under the guise of indenture. We are not told where they are to go to when their term of labour is at an end. So much for that. But at the close of the campaign the bloodthirsty land-grabbers raised the cry that Fingoland was disaffected over the survey question, and Government foolishly responded by hastening the C.M.R. down from Langeberg to Fingoland. Meantime all sections in that country raised a unanimous protest against the foul imputation, and the move came to nothing. If, however, these things should serve to convince the Natives that there are white rascals who would be only too glad to fasten a quarrel on them, in the hope that the Colonial forces would be marched against them, so that they may forfeit their lands which would be parcelled out, as Phokwane has been, to poor white farmers, and the present owners with their families indentured in the West— if, we say, these things serve to open Natives' eyes to this insidious policy, and they endeavour to counteract it by peaceful and orderly conduct, then these troubles will not be without some compensating advantages to the Natives themselves.

THE DROUGHT.

Then, again, the year has been one of severe drought, although it has not been so much felt near the coast as in the inland districts, where it is said nothing like it has been experienced since 1862. Reports of some rains have, however, come in within the past week or two, but it is rather late in the season.

THE LOCUSTS

were with us in the beginning of the year, to all appearance along the coast—;from Albany to Natal—being made their home. They seem to have been warned by a certain instinct not to venture inland into the disastrously drought-stricken parts of the country. They are still with us.

THE QUEEN'S .'JUBILEE, to commemorate the record length of Her Majesty Queen VICTORIA'S reign, has been *the* event of the year. It was celebrated with unexampled enthusiasm throughout the vast British dominions, over which the Sun never sets. As far as the subjects of the QUEEN, who are of alien colour and language to her own are concerned, what signalised the occasion was the knighting of Mr. BHOWNA- GREE, M.P., an Indian gentleman, who represents Englishmen in the House of Commons. The fact that a gentleman of colour should thus be honoured is an encouragement to our people to get rid of whatever beliefs they might wrongly cherish that in the great Empire that they have the privilege to be the member of nothing but merit is permitted to bar the way to fame and distinction. What was of special interest to ourselves, in connection with this great Jubilee was. the circumstance that IMVO had the signal honour of its Jubilee number being laid before the QUEEN, when a gracious acknowledgment was ordered to be made from Osborne.

GUBERNATORIAL.

A change took place in the Governorship and High Commissionership of South Africa. LORD ROSMEAD who had been known to be ailing for some time, felt at last compelled to give up the reigns of Government, and resigned in February. The vacancy thus created was filled by the appointment of a capable official of the British Civil Service, viz., SIR ALFRED MILNER who has, so far, come up to what was predicted of him. We regret to say that LORD ROSMEAD did not reap any benefit from his retirement, but succumbed to the malady last month, thus closing a fifty years career of steady and untarnished public usefulness in the Queen's service as Proconsul in every quarter of the globe. Since his arrival in May last, SIR ALFRED MILNER has been through two long and trying ' journeys in South Africa. One [1] extending from East London, through King William's Town *via* Lovedale to [3] Grahamstown, Port Elizabeth and i Oudtshoorn ; and the other to Kimberley, Bulawayo *via* Salisbury to Beira. Everywhere he impressed the people with his sterling abilities, and is considered to be fast qualifying for the enviable reputation of being ' one of the best and foremost Governors that ever were in South Africa.

IN POLITICS

Mr. RHODES has been the most prominent personality, not because of anything special he has said or done during the year. But the crowd, in want of a leader, has fastened on him, and no efforts have been spared in certain quarters to get Parliamentary candi dates to pledge themselves blindly to him and to whatever policy he might elect. As a foretaste of this we had last Session the spectacle of politicians like Mr. WILMOT,Mr. DOUGLASS Colonel SCHERMBRUCKER, and others voting away, at Mr. RHODES' instance, the liberties of the inhabitants of the Transkei and getting enacted a law for the clapping in gaol, without trial, of anyone suspected of designs on the peace. To the credit, be it said, of Bondmen like Mr. " Republican " DE WET, Mr. A. S. Du PLESSIS, and Hon. W. P. DE VILLIERS, they stood stoutly by Mr. MERRIMAN, Mr. SAUER, and Mr. TAMPLIN in resisting this outrage on the freedom of the people. The Bill, however, became an Act, which, somewhat late in the day, received the Queen's assent last month. There are not wanting signs on the political horizon that the measure is to be fought in the Colony until it is repealed, which is better by far than the direct veto of the QUEEN in the teeth of the people. It is hoped that towards this end all will co-operate. Returning to the matter of the RHODES leadership, it is clear, however, that if Mr. INNES would make it plain that he would not shirk the honour of leadership that all progressive men have, for the last two or three years, been endeavouring to foist on him, he being apparently reluctant, the RHODES question would be out of the field of practical politics. Will Mr. INNES consent to sacrifice himself for his country ? It remains to be seen.

IN PARLIAMENT

the momentous debates were on the question of the Transvaal, raised by Mr. INNES on his resolution, urging the case of the Uitlanders. The debate was rendered memorable by a clumsy somersault performed by Sir GORDON SPRIGG with an agility that, at the time, opened-mouthed people with astonishment. The Premier spoke bravely in favour of the resolution of his distinguished relative; but on the following day he, with his colleagues, voted against it to the disgust of all enlightened electors. The resolution was consequently lost by 41 to 32, the majority comprising the solid Bond and the Ministers.

By their action 'the Ministry do not appear to have ingratiated themselves with the Bond, for steps were at once taken to overthrow the SPRIGG Government, Mr. INNES being approached by that Party to move a vote of No Confidence in which he would have been supported by them, and given *carte blanche* to form an administration after his own heart. Anything, said the Bond, than the milk-and-water Government they had. In a moment of excessive, but morbid, rectitude, Mr. INNES declined the preferred honour. Mr. MERRIMAN had to do the work, the result being a tie—36 against 36—Speaker JUTA saving the Government by his casting vote. Some of the opponents of the Government, in a flight, voted for them. But afterwards, all through the Session, the position of the Ministry was insecure, Mr. INNES being earnestly supplicated to come forward and pick up the fruits of successful Opposition, but not only were the suppliants at his shrine sent empty away, but the idol himself came down — resigning the Opposition Leadership to the eternial confusion of Cape politics which has not been put right to this day. Then the Government, anxious to prove to the Bond that " CODLIN is your friend, not SHORT ; " introduced their Bechuanaland legislation, the PREMIER announcing a vigorous Native policy, *a la* 1880, the Pondoland Suspicions Act is the other outcome of the ill-fated no confidence vote. The great question of Railway Extension in the Transkei came on the country as an avalanche at the fag end of the session, and much money was voted on lines that the utility of is far from clear. The Indwe- Natal extension, through a sparsely populated district, under the impregnable Kwahlamba Mountains was accepted to carry what nobody seems to know; and a line hugging the sea (for the fish p) from East London was put in as a sop to somebody. In the hurry-scurry the merits of a line from near Kei Road going right through populous districts and villages in the centre of the territories, the trade of which is enormous, were overlooked. It is hoped the steps of last Session would be retraced in this respect, so that a grand line from Cape Town *via* Klipplaat, Cookhouse, King William's Town and Natal might be realised in the near future.

BYE ELECTIONS.

Two bye-elections took place occasioned by the resignation of Mr. J. P. ORPEN, M.L.A., who accepted an appointment in Rhodesia, and by the death of Mr. DES VAGES in Beafort West, Mr. P. J. DE WET (Bond) was returned for the former by 735, beating Mr. STRETTON (P) who got 695, some supporters of the progressive candidate not having come to the poll. But for this he would have been returned. At Beaufort, Mr. LUTTIG (B.), 711, came in, Mr. T. GRAHAM bringing up the rear with 423 votes.

GLEN GREY ACT.

Two deputations from Glen Grey interviewed the Government in connection with the operation of this Act, and were successful in urging their claims to consideration, not only on the Government, but also on Mr. RHODES, who was also interviewed at his Groot Schuur residence. The Prime Minister was to have gone to Lady Frere to adjust matters on the spot, but so far the promise remains unfulfilled.

FINGOLAND SURVEY.

This question has also agitated the Native mind in the Transkei, when the people were found to be hopelessly divided. It has been wisely deemed to hold it over. Meantime, quiet education is doubtless going on.

NATIVE AFFAIRS.

These affairs have been greatly advantaged by the appointment of Mr. W. E. STANFORD as Superintendent of Native Affairs in the place of Mr. INNES, sen., who has since 1880 acted as Under Secretary. The effects o! the change are already being felt ii new life pulsating through the various departmental veins.

NATAL ELECTIONS.

In Natal the elections resulted in sweeping the ESCOMBE Government out of office, and politicians—like Colonel HIME and Mr. BALE—known to hold moderate views on the Native Question came in, to the satisfaction of right-thinking men.

A GOSPEL PRISONER

Rev. ROBERT NDEVU MASHABA, who was made a political prisoner by the Portuguese Government, is still at Cape Verd Island. The report that he was about to be freed seems to have been the result of rejoicings over a favourable phase in the negotiations being carried on by the British Foreign Office, at the instance of the Wesleyan Missionary Society, for his release. The prayers of the Church are still asked for in his behalf.

IN CHURCH MATTERS

the retirement of Bisnop Webb from the See of Grahamstown is an event worthy of note; so, also, is the conferring of the title of Archbishop of Capetown on the Metropolitan. Death has gathered in not a few prominent workers during the year, the list including Rev. G. A. Theobald (Wesleyan), Bloemfontein; Rev. S. Evans Rowe (Wesleyan), Harrismith ; Rev. C. M. Parnell (Anglican), Port Elizabeth ; Rev. W. C. Holden (Wesleyan), Grahamstown ; Rev. Dr. Bryce Ross (Free Church), Pirie. The movements among Natives which, seen by the light of the early Christian Church, savour of the persecution of the Native Chuches, to tamper with their allegiance, is still there, though making no headway, and calls for earnest prayer for the complete cessation thereof.

IN EDUCATIONAL AFFAIRS

the ynar opened with the controversy between Dr. 'MUIR and Lovedale, touchink the training of white pupil teachers there. The Department, it appears, simply did not require white teachers, as they had no work for them. Nothing has since been heard of the matter. New regulations were passed by Parliament for the raising of teachers' salaries, but as they involved a £ for £ contribution of say £75 from local sources where pupils number 100, none but the rich can derive any benefit from them The obituary among teachers comprised SAMUEL MABETA (Esikobeni), in Native estimation have passed away Miss M. A. RADASI (Fort Beaufort), JOEL SOGOBILE |(Mgqwakwebe), and ENOCH MPAHLA (Smithfield).

OTHER PROMINENT MEN

during the year, viz., Dr. FITZGERALD, formerly of the Native Hospital, GEO A. Ross, PortElizabeth, Dr. J. M.NEMBULA (Natal), Chiefs SIGIDI, MAXWAYANA NJOKWENI ; and MTENGWANA,HENDRICK MAZAMISA, PAULOS MDOLOMBA, and JOSHUA LOKWE.

SUMMARY.

Passing over other smaller events this narrative confirms the views set forth in the beginning of this summary that the past year has been one of anxiety and care, and all will gladly ring it out with all its trouble. From our experience of the past we feel that we can, with all our heart, wish our supporters and friends

# *A Happy New Year.*

ON Monday, 20th inst., a big meeting of the Tsolo Natives was held at the office. Air. CUMMING, the Magistrate, stated that he had not seen so much beer-drinking since he came to the district. He urged the headmen to use their influence to put down such gatherings, at which even the children now drink. He advised them also to allow no meeting to be held for beer drinking without their permission. If a headman was made to pay half of the fine when a fight takes place in his location, we would have fewer beer gatherings.

THE Editor has been the recipient of a shoal of cards, conveying the seasonable wishes of friends. He thanks the friends and gladly reciprocates their good wishes for a prosperous new year.

THE new location regulations, under the consideration of the King Williams Town Borough Council, and which that body has very considerately referred to the natives for their consideration also, have occasioned great alarm; and it is hoped they may not be hurriedly given effect to. We propose dealing with them after the holidays.

WE are glad to see that the Government have resolved not to proceed on the Suspicions Actin connection with the LE FLEUR intrigue in Kokstad district. The warrant out against him charges him with the crimes of contravening the following Sections of Act 24 of 1886, entitled "The Native Territories Penal Code," viz.:
Section 85.—Attempting to wage war against the Queen. Section 86.— Conspiracy against the Government of the Territories. Section 87.— Collecting men with the intention of waging war. Section 143. — Attempting to commit murder.

ABOVE all, Mr. Le Roux has been retained by the Government to prosecute in the cases of the *Le* Fleur 'rebels. This is as it should be, and the sooner the Suspicions Act is repealed the better for the credit of the Colonial Government here, and abroad.

THE description of Le Fleur may be of interest to our readers :—
"Age, 29 ; Race, Cape Native ; Eyes, brown ; Nose, straight; Hair, long ; Height, 6 feet; Complexion, yellow; cuton left thigh; has been vaccinated; speaks English well; can read and write. "

TBE meetings in connection with the closing of schools for the holidays have very properly afforded much reading in the English press. The natives are still very much behind in this respect, and therefore we are not troubled with many reports of these functions. The only one we know of was in connection with the growing Wesleyan Mission Day School, under the charge of Mr. S. MVAMBO and Miss NTSIKO. It took the form of a musical entertainment, when the results of the examination were read. These showed that good work has been done for which the teachers and children are accordingly congratulated. Mr. KNOX BOKWE ably filled the chair. The school which was originally built for what for years has been the normal number of pupils, viz., 70, has now over 100 with a prospect of more, and the managers are compelled to enlarge at once. It is hoped they will be supported by the local public.

Only 906 persons in 1.000,000, according to a medical authority, die from old age, while 1,200 succumb to gout, 18,400 to measles, 27,000 to apoplexy, 7 000 to erysipelas, 7,500 to consumptio'a,'48,000 to scarlet fever, 25,000 to whooping cough, 30,000 to typhus and typhoid, and 7,000 to rheumatism. The averages vary according to the locality, but these are considered pretty accurate as regards the population of the globe as a whole.

